



REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# IMBIZO

*Sisonke siqhubela  
uMzantsi Afrika phambili*

IsiXhosa





UMongameli uJacob Zuma wenze iNtetho engoBume beSizwe (i-SoNA) ePalamente, eKapa, ngoLwesine, umhla we-12 kweyoMdumba 2015.

**“Lo nyaka wama-2015 nguNyaka woMqulu weNkululeko noManyano kuSetyenzwa ukuKhawulezisa iNkululeko yezoQoqosho. Ngunyaka wokuzinekela kangangoko kwiphulo lokwakhwa uMzantsi Afrika obumbenyo, olawulwa ngentando yesinini, ongenabuhlanga, ongacaluli ngokwesini nonekamva eliqaqambileyo. Ikwangunyaka wokuba sizinikezele ngokutsha kwidabi lokulwa ubuhlanga kwakunye nazo zonke izinto ezibonakalisa ukunganyamezelani kweli lizwe. Ikwangunyaka wokuba sicinge siqiye senze ihlumelo lekamva lethu, ngokufundisaabant-wana bethu nolutsha ngamafa atyebileyo nanzulu eli lizwe.”**

**– UMongameli uJacob Zuma, kwiNtetho engoBume beSizwe, 12 kweyoMdumba 2015.**

UMongameli utyhile isicwangciso esimanqaku alithoba ukusungula uhlumo lwezoqoqosho nokudala imisebenzi, angala:

1. Ukusombulula umngeni wamandla ombane.
2. Ukvuselela ezolimo nokubandakanyeka kwinkqubo yokucola nokuhlela iimveliso zezolimo.
3. Ukuqhubela phambilu iphulo lokuxhamlisa nokunika ixabiso kubutyebi bezimbiwa zeli lizwe.
4. Ukuphunyezwu ngokungqingqwa kwempembelelo yesiCwangciso sokuSebenza koMgaqo-nkqubo wezoShishino (i-IPAP).
5. Ukukhuthaza utyalu-mali ngabecandelo lamashishini abucala
6. Ukuzama ukuthibaza izinga leengxabano emisebenzini.
7. Ukunika amathuba kangangoko kumashishini amancinci, aphakathi, namakhulu (ii-SMME), ookopolotyeni, amashishini asezilokishini nawasemaphandleni.
8. Ukdala iinguqu kumbuso kunye nokomeleza indima edlalwa zinkampani eziphantsi korhulumente, iziseko ezingundoqo zobuChwephetshe boLwazi noNxibelelwano (i-ICT) okanye ukuqaliswa kobu-xhaka-xhaba bokusebenza ngesantya sothungelwano-lwazi, ezamanzi, ugutulyo neziseko ezingundoqo zezothutho.
9. Iphulo elibizwa i-Operation Phakisa, elinjongo zalo ikukukhulisa uqoqosho lwaselwandle nolwamanye amacandelo.

## **IMISEBENZI**

linkukacha-manani zekota yokuggibela yowama-2014 zeZiko leeNkukhacha-manani laseMzantsi Afrika zisibonisa ukuba bekukho i-15,3 lezigidi zabantu abaphangelayo eMzantsi Afrika. Imisebenzi ikhule ngama-203 000.



Utyalo-mali olwenziwe ngokuqeshwa kolutsha luvelisa iziqhamo. ISibonelelo seMbuyekezo yeRhafu yezeNgqesho, nesaveliswa ngowama-2014, esigxile kuphela kulutsha, sinenkqubela phambili entle kakhulu. Ukuza kuthi ga ngoku yimali emalunga neebhiliyoni zeerandi ezimbini abaqeshi abangama-29 000, abathe bafaka ibango lolutsha olumalunga nama-270 000 ubuncinane.

Ukuza kuthi ga ngoku urhulumente sele edale amathuba emisebenzi engama-850 000, sinommiselo esizimisele wona wokudala amathuba emisebenzi ezizigidi ezithandathu kwisithuba seminyaka emihlanu. Urhulumente usecicini lokuwufezekisa ummiselo wokudala amathuba emisebenzi esisigidi ngonyaka.

linkqubo zezokusingqongileyo ezifana nezokuSebenza ngeNkunkuma, ukuSebenza kwiMimandla eliJojo, eyokuSebenza ngaManzi kunye neyokuSebenza ngoMlilo zidale ngaphezulu kwama-30 000 amathuba emisebenzi, kusekho nengaphezulu kwama-60 000 eseza kudalwa kulo nyaka-mali uzayo.

## AMANDLA OMBANE

Urhulumente wenza konke okusemandleni ukusombulula imingeni yamandla ombane nokusebenza ngokushokoxeka kombane kweli lizwe.

Urhulumente uqulunqe isicwangciso sesisombululo sexesha elifutshane, eliphakathi nelide.

Isicwangciso sexesha elide siquka ukuqukunjelwa

- ukuphucula ukulungiswa kwamaziko okuphehla umbane akwa-Eskom
  - ukuxhotyiswa kwamandla okuphehlwa kombane
  - ukubeka esweni indlela ophehlwa nose-tyenziswa ngayo umbane.
- Isicwangciso sexesha elide siquka ukuqukunjelwa kjesicwangciso esiyintloko sokufumaneka kombane sexesha elide. Eezimali zakwa-Eskom ziza kuzinziswa ukwenzela ukuba eli ziko liphume kule ngxaki. Urhulumente uza kusihlonipha esi sibophelelo sokunika u-Eskom iibhiliyoni zeerandi ezimalunga nama-23 kulo nyaka-mali uzayo.


“IQela lokuGwadla iQhinga” elasekwa yiKhabhinethi kwegoMnga yowama-2014 lisebenza ngokuzinikela imini nobusuku no-Eskom ukuzinzisa inkqubo yokubonelela ngombane nokulawula ukunkinkishwa kwawo.



## IMITHOMBO YAMANDLA OMBANE ENGEMINYE

Ngenxa yokunyuka kwamaxabiso edizili, u-Eskom uyalelwwe ukuba atshintshele kwigesi njengomthombo wamandla ukwenzela ijjeneretha zeli ziko.

Amakhaya nawo ayakhuthazwa ukuba angasebenzisi mbane atshintshele kwigesi xa kuphekwa, kufudunyezwa neminye imisebenzi. Ukwakhiwa kwamaziko okuphehla umbane amathathu amatsha – iKusile, i-Medupi ne-Ingula



– kuza kwangeza i-10 000 leemegawathi (i-MW) kumandla othungelwano lombane lesizwe.

Ukuza kutsho ngoku urhulumente uthenge ama-4 000 ee-MW kuBaphehl boMbane abaziMeleyo, abase-benzisa imithombo yamandla ehlaziyiweyo. lindibano zokuqala ezintathu zokunika amaxabiso ngenkqubo yokuthenga umbane ohlaziyekayo kutsale imali engaphezulu kweebhiliyonzi zeerandi ezili-140 kubatyali-zimali babucala.

Kukwafunyenwe nombane ohlaziyekayo ongama-3 900 ee-MW uwonke, neeprojekthi ezingama-32 ezinomthamo wamandla oli-1 500 ee-MW ezigqityiweyo zaza zaqhaganyiselwa kuthungelwano lombane. U-Eskom sele ekugqibile ukwakhwi kweFama yamaPhiko oMoya okuPhehl uMbane iSere, neseyibonelela nge-100 lee-MW kuthungelwano lombane.

KweyoMnga wama-2014, urhulumente uqalise ukuthenga ama-2 400 ee-MW zamatsha amandla ombane aphehlwe ngamalahle kuBaphehl boMbane aBazimeleyo. Inkqubo yokuthengwa kwama-2 400 ee-MW zombane omtsha ophehlwe ngegesi iza kuqala kwikota yokuqala yonyaka-mali omtsha.

Ngama-2 600 ee-MW ewonke amandla ombane ophehlwe ngamanzi oza kuthengwa kumazwe aseMazantsi e-Afrika.

## **IMITHOMBO YAMANDLA OMBANE EYAHLUKAHLUKENEYO**

Ngokumalunga nesicwangciso sombane esiyintloko, urhulumente uza kukhangela igesi, ipetroliyamu, inyukliya, amandla wamanzi neminye imithombo njengenxalenye yemithombo yamandla ombane eyahlukahlukeneyo.

Urhulumente ukwaqwalasela nokuthengwa kwe-9 600 lee-MW zenkqubo eyakhiwe ngenyukliya ngokwendlela ephunyeze ngayo sisiCwangciso sokuXhotiyisa esiDibenevo sowama-2010 - 2030.

Urhulumente utyikitye izivumelwano noorhulumente bamazwe awohlukahlukeneyo waza wabamba neendibano zocwego zokuba abonise oko akuthengisayo. I-United States of America, i-South Korea, i-Russia, i-France ne-China ziye zafaka iziphakamiso zazo ngenyukliya.

Onke la mazwe aza kungena kwinkqubo yokuthenga enganamkhethethi, eselubala nenokhuphiswano loku-khetha umehlulelani wobuchule okanye abehlulelani abaza kuqhube inkqubo yokwakha yenyukliya. Ummiselo karhulumente ngowokuba ngowama-2023 kuqhaganyiselwe icandelo lokuqala kuthungelwano lombane, kanye ngexesha elifanelekileyo phambi kokuba u-Eskom ayekise ezinye zezikululo zakhe zombane ezidala.

Ngokumalunga namandla ombane aphehlwa ngamanzi, ubudlelwane beProjekthi yokuPhehl aMandla oMbane ngaManzi i-Grand Inga ne-Democratic Republic of Congo buza kuphehlia ngaphezulu kwa-ma-48 000 ee-MW zococekileyo umbane ophehlwa ngamanzi. UMzantsi Afrika uzokwazi ukufumana ngaphezulu kwe-15 000 ee-MW.

## **INKXASO YOOMASIPALA**

Urhulumente ubonelele aba masipala balandelayo ngenkxaso-mali yombane kunyaka-mali wama-2015/16:

- UMasipala weSithili i-Amathole, uMasipala weSithili i-Alfred Nzo, uMasipala weSithili i-OR Tambo no-Masipala waseKhaya i-Lukhanji eMpuma Koloni, noMasipala weSithili Umzinyathi KwaZulu-Natal.
- Kusekho amakhaya azizigidi ezi-3,4 kweli lizwe angekabi nambane.





## UBUYEKEZO LWEMIHLABA

Angaphezu kwama-36 000 amabango omhlaba afakiwego esizweni jikelele ukususela urhulumente wathi wavula okwesibini inyoba yokufakwa kwamabango omhlaba ngowama-2014. Umhla wokuvalwa kokufakwa kwezelico ngowama-2019.

Urhulumente ukwaqwalasela isicwangciso-sikhokelo somgaqonkqubo wokwabelana ngomhlaba ngokulanganayo, ophakamisa amalungelo afanelekileyo kubantu abahlala bekwasebenza ezifama. Kuza kuchongwa iifama zoshishino ezingamashumi amahlalu njengeprojekthi yokulinga.

Ngokwemimiselo yemithetho yethu emitsha ecetywayo, kuza kumiselwa ummiselo wobunini-mhlaba wokuba umntu akanakuba nomhlaba ongaphezulu kwe-12 000 leehektare ubukhulu.

Abemi bamazwe angaphandle abazikuvunyelwa ukuba babe ngabanini-mhlaba eMzantsi Afrika kodwa baya kuvumeleka ukuba bawuqeshela ixesha elide.

UMthetho oYilwayo woMmiselo wokuLawula iZiza zeMhlaba uza kungeniswa ePalamente kulo nyaka.

NgeNkqubo yokuBuyekezwu koMhlaba, umhlaba ongaphezulu kwama-90 000 eehktare ubekwelwe bucala ukwenzela amafama anemihlatyana emincinci, abahlali basezifama nabasebenzi abasebenza bekwahlala ezifama.

Inkqubo yokumisela i-Ofisi yoMxabisi-mhlaba Jikelele iyaqhuba, kwaye iza kumiselwa ngokoMthetho woku-Mmisela iXabiso leMpahla wama-2014. Xa sowuphunyeziwe lo mthetho uza kuyeka ukuxomekeka kwinkqubo yokuThengisa koThandayo – eThengisela oThandayo xa uRhulumente efuna ukufumana umhlaba.

## EZOLIMO



Ezolimo zibaluleke kakhulu kuhlumo nokuqinisekisa ukubakho kokutya ngokwaneleyo. Urhulumente usebenzisana nabamashishini abucala ukugwadla isiCwangciso esiSebenzayo soMgaqo-nkqubo wezoLimo, esiza kuvusa umhlaba oziihektare ezisisigidi ongasetyenziswa ngokwaneleyo ukuba usetyenziselwe imveliso ebonakalayo kule minyaka mithathu izayo.

Urhulumente uza kuququzelela ukusekwa kweepaka zezolimo okanye ookopolotyeni neentlanganisela kumasipala ngamnye kwabangama-27 besithili abasokolayo ukuguqula uqoqosho Iwasemaphandleni.

Sele kubekelwe bucala isixa semali sokuqala esizibhiliyonzi zeerandi ezimbini ukuncedisa kweli phulo leepaka zezolimo. Urhulumente uza kuphucula nangaphezulu iimveliso zezolimo ezithunyelwa kumazwe angaphandle, eziya zisanda ngamandla, ingakumbi kurhwebo olutsha namazwe ase-Afrika nase-China. Umzekelo, kutyiki-



tywe izivumelwano zorhwebo lweemveliso zezolimo eziza kakhokelela ekubeni kuthunyelwe umbona nama-apile aseMantsi Afrika e-China.

Ukuthunyelwa kwama-apile nje wodwa kumazwe angaphandle kuqikelela ukuba kuza kungenisa imali esuka kumazwe angaphandle ezizigidi zeerandi ezingama-500 kwisithuba nje seminyaka emithathu.

## AMAFAMA ASAKHASAYO NABANINI-MIHLABA EMINCINANE

KuMasipala weSithili waseVhembe eMusina, uRhulumente wePhondo laseLimpopo ufafe isandla exhasa uMfelandawonye waseNwanedi onamafama angama-300 alima imifuno kumhlaba oziihektare ezingaphe-zulwana nje kancinci kwi-1 300 elima ngeenjongo zokuthengisa. Lo Mfelandawonye sele udale imisebenzi engapezulu kwama-2 500 njengoko ukufama ngemifuno kungumsebenzi osebenzia kakhulu izandla.

## EZEMVELISO

ISikimu soTyalo-mali kwiCandelo leeMoto likhuthaze amashishini abucala ukuba nawo afake imali ezibhili-yoni zeerandi ezingama-24,5 kwaza oko kwakhokelela ekubeni kuthunyelwe iimoto neentsimbi zeemoto ezixabisa ibhiliyonzi zeerandi ezili-103 kumazwe angaphandle.

UMzantsi Afrika wakhe icandelo lokurhweba ngee-moto elikumgangatho wehlabathi kwilizwekazi le-Afrika uthumela iimveliso zazo kumazwe angapezulu kwe-152. Iandelo lezikhumba nezihlangu nalo likhule lafikelela kumgangatho apho livelisa ama-60 zezigidi zezihlangu, kwaye urhwebo lokuthumela kumazwe angaphandle lunyuke nge-18% into ke leyo ebeyinzozo enku luqoqosho lweli.

Urhulumente uthembise ngemali engapezulu kweebhiliyonzi zeerandi ezi-2,8 kwiinkampani ezikweli candelo, ngeNkqubo yokuKhuthaza ukuMelana noKhuphiswano kwezeMveliso. Kwelayo icala, imizi-mveliso ibonakalise umbulelo ngokutyalu imali engapezulu kweebhiliyonzi zeerandi ezili-R12,4 kutyalo-mali lecandelo lamashishini abucala.



## EZEMIGODI

Ukuphunyezwa kweenkqubo eziliqela phantsi kweSikhokelo-sicwangciso seCandelo lezeMigodi oluZinzileyo, kunike isiqabu nethemba kweli candelo, liyintsika yoqoqosho lwethu.

AmaQonga okuThintela ulwaPhulo-mthetho eMigodini asekwe eMntla Ntshona, eLimpopo, eFreystata, eMpumalanga naseGauteng. Urhulumente uza kuqalisa ukuphumeza izivumelwano ekufikelewe kuzo ngabeszoshishino nemibutho nabasebenzi, kuquka nokuqwalaselwa komba wokumiselwa kowona mvuzo mncinane wamkelekileyo wesizwe.





## UKUVUSELELWA KWEEDOLOPHU EZIKUFUTSHANE NEMIGODI

Kubekelwe bucala imali ezbihiliyoni zeerandi ezi-2,1 iyonke ukwenzela ukuvuselelwa kweedolophu ezikufutshane nemigodi, kule mali izigidi ezingama-290 sele ikhululelw ekuphuculwa ummandla wamatyotyombe eMpumalanga, eMntla Ntshona, eGauteng, eMntla Koloni, eLimpopo naseFreystata.

Imalunga ne-133 imimandla yamatyotyombe ephononongwayo okanye elungiselelwa ekuphuculwa ngeNkqubo yokuXhasa uPhuhliso yeSizwe. Imimandla engama-32 iyakhiwa sithetha nje ize kubekho iiprojekthi zolwakhwiwo lwezindlu ezingama-87 ezifezekiswayo kwiidolophu ezikufutshane nemigodi ezichongwe njengeendawo ekuza kuqualwa ngazo.

Urhulumente, icandelo lezemigodi noMbutho weeBhanki waseMzantsi Afrika batyikitye isiVumelwano sezeNtlalo sokupuhhlisa nokwakha iindawo zokuhlalisa koluntu ezsengangathweni.

Urhulumente uyaqhubekeka ukuncedisa ngezibonelelo zezentlalo kwimimandla emi ngakwiindawo ezinemigodi. Enye inkxaso iquka uncedo ngabo bazingcali ukuzoba iziCwangciso zoPhuhliso eziDibeneyo nokupuhhlisa kwemimandla yezoQoqosho eKhethekileyo.

Iidolophu ezikwimimandla yemigodi zikwancedwa ngokufezekisa isicwangciso-qhinga sikamasipala sonikezelo-nkonzo ngendlela efanelekileyo sika—"Buyela kuNdala". Urhulumente ukwabeke phantsi kweliso elibukhali indlela iinkampani eziyithobela ngayo imiqathango yommiselo ekuMqulu yeMigodi wama-2014.

Urhulumente ulungelelanise imisebenzi yokuhlolwa komonakalo kwindalo nokusingqongileyo, amanzi nezicelo zamalungelo okomba imigodi waza wamisela iiintsu ezingama-300 zokukhutshwa kwazo zonke ezo zigunyaziso zamaphepha-mvume.

Urhulumente uza kuseka neZiko elinakho konke lamaSebe ngamaSebe lokuKhawulezisa iziCelo ukuze lisabele kwizikhala neengxaki zabatayali-zimali.

## UBUDLELWANE BEZABASEBENZI

ISebe lezabaSebenzi liza kuqwalasela kwakhona imithetho elawula iimeko zokumiselwa ngokwamacandelo kwezolimo, amahlathi, oonogada beenkampani zabucala, iivenkile ezinkulu nezo zingomathenga-ethengisa. UMthetho weeNkonzo zeNgqesho wama-2014, omisela ngokusesikweni iinkonzo zemisebenzi karhulumente, uza kuqukunjelwa.

Lo mthetho uza kulawula ngokusesikweni indlela ii-ahrente zabucala ezisebenza ngayo neenkonzo zemisebenzi yethutyana, ukuthintela ukuxhatshazwa kwabantu abafuna imisebenzi bengacingeli ngokunyhashwa kwamalungelo wabo.

Ukongeza apho, uMthetho we-Inshorensi yabaNgasebenziyo wama-2001 uza kuhlonyelwa ukuze uphucule izibonelelo ezifunyanwa ngabangaphangeliyo uze uquke nabasebenzi bakarhulumente ekusetyenzisweni kwalo Mthetho.

## AMASHISHINI AMANCINCI

Urhulumente uza kubekela bucala ama-30% eentloba zeempahla neenkonzo eziza kuthengwa nguRhulumente kwii-SMME, ookopolotyeni kwakunye nakumashishini asezilokishini nawasemaphandleni.

## UKUKHUTHAZA AMASHISHINI ANABANINI ABALULUTSHA

Urhulumente uza kuqhubekeka ukukhuthaza amathuba wolutsha. I-Arhente yoPhuhliso loLutsha yeSizwe (i-NYDA) yabe imali ezizigidi zeerandi ezingama-25 iyabela amashishini amancinane kweli jikelele kulo nyaka-mali udlulileyo.



I-NYDA ingene kwisivumelwano sentsebenziswano neQumrhu loPhuhliso lwamaShishini (i-IDC) kanye ne-Arhente yokuXhasa ngeziMali amaShishini amaNcinci (i-SEFA) ukudala ingxowa-mali yolutsha ezibhiliyon zeerandi eziyi-2,7.

## IZISEKO ZOPHUHLISO



INkubo yoPhuhliso lweZiseko zoPhuhliso yeSizwe isaqhubekeka ukudala imisebenzi nokudlala indawo eba-luleke kakhulu kuhlumo lwezoqoqosho.

Amanzi sisibonelelo esibaluleke kakhulu kuhlumo lwezoqoqosho nobomi obungcono. Iprojekthi eziliqela ezixile ekuboneleleni ngamanzi wokusetyenzisa kwimizi-mveliso nasemakhayeni zikwisigaba sokufezekiswa okanye sokucwangciswa elizweni jikelele.

Iprojekthi ezinkulu ziQuka iProjekthi yaManzi yaseMzimvubu eMpuma Koloni, iDama laseJozini e-Umkhanyakude KwaZulu-Natal neeprojekthi ezise-Bushbuckridge eMpumalanga kanye nesigaba sokuqala se-Mokolo *Crocodile Water Augmentation* eLimpopo.

Kwenziwa inkqubela ekuphculweni ukubonelelwia ngamanzi kwiindawo ebezichatshazelwe kukushokoxeka kwamanzi, ezifana noMasipala weSithili iMakana eMpuma Koloni, uMasipala weSithili iNgaka Modiri Molema eMntla Ntshona neGiyani eLimpopo, apha amanzi ebehanjiswe kwiilali ezingama-55 kweyeDwarha yowama-2014.

## UKUQUALISWA KOBUXHAKA-XHABA BOKUSEBENZA NGESANTYA SOTHUNGELWANO-LWAZI

Unyaka wama-2015 uphawula isiqalo sesigaba sokuqala sokuqualiswa kobuxhaka-xhaba bokusebenza ngesantya sothungelwano-lwazi. Urhulumente uza kuqhagamshelisa ii-ofisi zomasipala bezithili abasibhozo. Abo ke yi-Dr Kenneth Kaunda eMntla Ntshona, iGert Sibande eMpumalanga, i-OR Tambo eMpuma Koloni, iPixley ka Seme eMntla Koloni, iThabo Mofutsanyane eFreystata, Umgungundlovu noMzinyathi KwaZulu-Natal, neVhembe eLimpopo.

URhulumente uchonge u-Telkom njenge-arthente ekhokelayo ekuncedeni ngokuqaliswa kobuxhaka-xhaba bokusebenza ngesantya sothungelwano-lwazi.





## UKULONDOLOZWA KWAMANZI

Urhulumente ubongoze bonke abantu kweli lizwe ukuba bawonge amanzi. Ithontsi ngalinye libalulekile.

Eli lizwe lilahlekwe yimali ezibhiliyoni zeerandi ezsixhenxe ngonyaka ngenxa yokudlala ngamanzi. ISebe lezaManzi noGutuulo liza kuqeqesha amagcisa okanye abatywini abali-15 000 abazokulungisa iimpompo ezivuzayo kwiqingqi zabo.

## IZISEKO ZOPHULISO ZEENDLELA

ISebe lezoThutho liza kuchitha imali emalunga neebhiliyoni zeerandi ezsithoba kwiSibonelelo sokuLungiswa kweeNdlela zamaPhondo okanye iNkqubo iSihamba Sonke. Ukongeza aphi enye imali ezibhiliyoni zeerandi ezili-11 iza kuchithwa ekuphuculenai nasekulungiseni iindlela ezingahlawulelwayo.

Imali engaphezulu kweebhiliyoni zeerandi ezintandathu iza kuchithwa ekucwangciseni, ekwakheni naseku-hlawuleni iindleko zokusebenza kothungelwano lwebhasi eziqqua zibuyeleta kwizixeko ezili-13 kulo nyaka-mali.

## IZISEKO ZOPHULISO ZEZIKOLO

Urhulumente uza kuqhubekeka ukuphucula iziseko ezingundoqo ezikolweni nakumaziko emfundo ephaka-mileyo ukuze zibe kwimeko ekumgangatho ofanelekileyo wokufunda nokufundisa.

Ngokusetyenziswa kwePhulo lokuBonelela ngeziSeko ezinguNdoqo zeZikolo eliKhawulezileyo, eliyinxalenye yesiCwangciso seZiseko zoPhuhliso seSizwe, sekugqitywe izikolo ezitsha ezingama-92 ukuza kuthi ga ngoku ezili-108 zona zisakhwa.

Malunga nezikolo ezingama-342 zinamanzi okokuqala ngoku, ezingama-351 zifumene iziseko zogutuulo olundilisekileyo ngeli xesha ezingama-288 zifakelwe umbane. Urhulumente uchonge iziza ezi-16 zokwakhiwa kweekhampasi zeeKholeji zobuGcisa namaKhondo eMfundu noQeqesho nokuvuselelwa kwezimbini kwezi khoyo.

Umsebenzi wokwakha iidyunivesiti ezintathu ezintsha uyaqhuba, i-Sol Plaatjie eMntla Ntshona, iDyunivesiti yaseMpumalanga neSefako Makgatho Allied and Health Sciences University eGauteng.

## UKWAKHELA ISIZWE IZINDLU

Urhulumente usaqhubekeka ukwakhela abantu izindlu. Ngomhla wama-30 kweyoMsintsi wama-2014, zizindlu ezingapezulu kwama-50 000 ezinikezelwego kudidi lwezibonelelo nelezifikelelkayo. Urhulumente uza kubonelela namaggala omkhosi ngezindlu ezingama-5 000. Uza kusebenzela nokulwa ukusilela kwetaytile zobunini-zindlu zangaphambi nasemva kowe-1994.

## I-OPERATION PHAKISA

Urhulumente umisele iinkqubo ezinika umdla zokufekiswa kwesiCwangciso soPhuhliso seSizwe (i-NDP). Iphulo i-Operation Phakisa ligxile kwiziphumo ngqo kwingxaki yendlela yokucwangcisa nesiphumeza ngayo iinkqubo. I-Operation Phakisa kuqoqosho lwaselwandle igxile ekuvuleni amathuba kwicandelo lemikhumbi, elokuloba, elezityalo nezilwanyana zaselwandle, elezemigodi, ele-oli negesi, elobuchwepheshe bokusebenzisa indalo kunye nelezokhenketho.

Urhulumente uvumile ukutyala imali ezibhiliyoni zeerandi ezisi-9,2 kumaphulo okukhangela igesi ne-oli kwizibuko laseSaldanha njengenxalenye yephulo i-Operation Phakisa. I-Operation Phakisa ekuNyuseni uManggatho wePhulo leKhiniki eFanelekileyo ijongise ekukhuthazeni ukusebenza ngobuchule, ngokubonakalayo nangobugcisa obukumgangatho ophezulu ezikliniki.



Urhulumente uza kuzama ukusebenzisa i-*Operation Phakisa* kwicandelo lezemigodi nokusebenzisana necandelo lezemigodi ukuze kuziwe nezisombululo eziza kuba lulutho kubo bonke abachaphazelekayo ukuze imithombo yezimbiwa yeli lizwe ixamlise.

## EZEMPILO

Kule minyaka mihi lanu idlulileyo, urhulumente ube neempumelelo ezincombekayo kwinkathalelo yezempilo. Kulo nyaka urhulumente uza kumisela inkqubo enku lu ukulwa nesifo sepheph-a (i-TB), ngokugxila ngokukodwa kwiindawo ezintathu, amaba-njwa akumaziko eeNkonzo zezoLuleko, abasebenzi mgodini noluntu oluuhlala kwiidolphana ezikufutshane nemigodi.

Ukulwa ubhubhane weNtsholongwane kaGawulayo (i-HIV) noGawulayo (i-AIDS), urhulumente useke inkampani yamachiza ezakuthatha inxaxheba ekuboneleleni ngamachiza athomalalisa iNtsholongwane kaGawulayo kwiSebe lezeMpilo.



## USUKU LOKUHAMBELA IMPIO

Ngomhla we-10 kuCanzibe, uMzantsi Afrika uza kuphawula uSuku lokuHambela iMpilo, umsitho wezizwe ngezizwe nokhokelwa nguMbutho wezeMpilo weHlabathi (i-WHO). Olu suku lukwangqamana nesikhumbuzo sokubekwa kowayesakuba nguMongameli uNelson Mandela ngokusesikweni njengoMongameli wokuqala owonyulwe ngokwentando yesininzi ngowe-1994.

## UKULWA ULWAPHULO-MTHETHO NORHWAPHILIZO

Yenziwe inkqubela ekulweni ulwaphulo-mthetho olujoliswe kwabasetyhini nabantwana. ICandelo leNkonzo yezobuPolisa (i-SAPS) lokuLwa ubuNdlobongela baseKhaya, elokuKhusela aBantwana nelokuPhanda amaTyala ezeSondo likwazile ukulwela ukuba abenzi bolwaphulo-mthetho olujoliswe kwabasetyhini nabantwana bafumane izigwebo zobomi ezingama-659.

Nangona uRhulumente wolawulo lwentando yesininzi eliqonda ilungelo loluntu lokuqhankqalaza, uyabongoza ukuba oluqhankqalazo malube ngaphakathi kwemimiselo yezomthetho kwaye malwenziwe ngoxolo nocwangco njengoko kuchaziwe kuMgaqo-siseko.

Amapolisa azise ucwangco ngokuyimpumelelo kwiziganeko ezingama-13 575 zeze hlo zodushe esidlalgalaleni ezichaziweyo, eziquka izehlo ezingama-1 907 ezinxulumene noqhankqalazo kunye nezhlo ezinenzolo ezingama-11 668.

## URHWAPHILIZO

IKomiti yabaPhathiswa yokuLwa uRhwaphilizo iyaqhubekeka ukuqinisa idabi lokulwa norhwaphilizo.

Urhulumente umisele amaziko asixhenxe okulwa urhwaphilizo nemithetho eli-17 eculunqelwe ukulwa urhwaphilizo.

Kunyaka-mali wama-2013/14, ngabantu abangama-52 abafunyaniswe benetyala kumatyala aquka imali engapezulu kwezigidi zeerandi ezihlau.

Kwikota yokuqala yowama-2014/15, ngabasebenzi bakarhulumente abangama-31 abafunyaniswe benetyala kwensiwa nemiyalelo yenkuvalwa kwee-akhawunti ezinemali exabisa izigidi zeerandi ezingama-430.





Ukuthintela urhwaphilizo nokukhuthaza ulawulo olululo, uMongameli uZuma utsikitye uMthetho wokuLawula nokuPhatha ebuRhulumenteni wama-2014 waba ngumthetho, othintela abasebenzi bakarhulumente ukuba bangenzi lusishino noMbuso phakathi kokunye.

### **UKUZINGELWA KWEMIKHOMBE NGOKUNGEKHO MTHETHWENI**

IKhabhinethi iwathathe qatha nangokudibenyo amanyathelo okuthintela ukuzingelwa kwemikhombe ngokukhohlakeleyo nangokungekho mthethweni kweli lizwe. La manyathelo aquka ukuqhutya kwamaphulo adibanisa amazwe angundoqo achaphazelekayo asebumelwaneni, indlela ephuculiwego yokuqokelela kolwazi ngamayelenqe olwaphulo-mthetho, nokuqinisa ukhuseleko kwimizi yezilwanyana ezipaka nemizi yezilwanyana yamaphondo apha kukho imikhombe khona.

### **ULAWULO LWEMIDA NEKHADI-SAZISI**

Urhulumente wenze inkubela encomekayo ekusekeni i-Arhente yoLawulo IweMida, ukuba ilawule onke amazibuko okunena nokuphucula ukhuseleko.

Ukongeza ukuphucula ufilelo kumaxwebhu ezazisi, ukususela kulo nyaka abemi bazokwazi ukufaka izicelo zokufumana iKhadi-sazisi elitsha kwibhanki zasekuhlaleni ngenxa yobudlelwane bentsebenziswano obuphakathi kweSebe leMicimbi yezeKhaya nezinye zeebhanki kweli.

## **UKWAKHA ISIZWE ESIPHUHLAYO NESISEBENZAYO**

Kwi-SoNA yowama-2014, uMongameli uZuma uthe urhulumente uza kuqhubekeka ukuqhubela phambili nokuphucula ubomi babantu abakhubazekileyo. KweyoMnga yowama-2014, iKhabinethi ikhuphe uyilo loMgaqo-nkqubo wamaLungelo waBantu abaKhuzekileyo weSizwe ukuze uluntu luholmle.

### **UKUBUYELA KUNDALASHE**

Urhulumente umisele inkubo yoku "Buyela kuNdalashe" ukukhuthaza ulawulo olungcono nokuphatha ngo-kufanelekileyo ngokucutha ukusetenyenza kwemali ngokungafanelekanga, ukusebenzia imali karhulumente ngobunono, ukuqesha abasebenzi abakwaziyo ukusebenza, nokuqinisekisa ukuba zonke izinto ziselubala nokuthi oomasipala bakwazi ukuphendula bacacise.

IKhabhinethi iyivumile iNkqubo-sikhokelo yoPhuhliso IweDolophu eDibeneyo ethe yabhengezwa kwi-SoNA kweyeSilimela yowama-2014.

## **I-AFRIKA ENGCONO NEHLABATHI ELINGCONO**





Ukufaka isandla kulwakhiwo lwe-Afrika engcono, uMzantsi Afrika usaqhubekeka ukuxhasa amaphulo oxolo nokhuseleko nokuhlanganisa uqoqosho lamazwe awohlukahlukeneyo kummandla welizwekazi. UMkhosi we-Afrika wokuSabela ngokuKhawuleza kwiiNgxwabangxwaba (i-ACIRC), uMzantsi Afrika oilungu lawo nolelinye lamazwe awawusekayo, uyasebenza ngoku.

UMkhosi woKhuselo weSizwe waseMzantsi Afrika (i-SANDF) ne-SAPS iyaqhubekeka ukuxhasa amaphulo okuthintela unquzulwano nokuzisa uxolo kwilizwekazi. UMzantsi Afrika uqhubekekile wathatha inxaxheba ekuncediseni kumaphulo okulamla kwiziganeko zongquzulwano eLesotho, eSri Lanka naseSouth Sudan, ukhokelwa nguSekela Mongameli uCyril Ramaphosa.

Intsebenziswano yezoQoqosho kunye namahlakani e-BRICS (i-Brazil, i-Russia, India, i-China noMzantsi Afrika) yomelezwa kukuqukuunjelwa kwezivumelwano ngamazwe amabini wokuqala kumsitho weNgqungquthela yesithandathu ye-BRICS eyayibangelwe e-Brazil kweyeKhala yama-2014.

Esi yayisisiVumelwano seBhanka eNtsha yoPhuhliso nesiVumelwano sokuSekwa kwesiCwangciso so-Vimba wokuLalelisela. Amazwe aphuhlileyo asemantla e-Ikhweyitha ayokuhlala engamahlakani abalulekileyo kuMzantsi Afrika ngokuthi awuncede ukwazi ukuqulunqa ulungalungise umgaqo-nkqubo wowo wesizwe nowamazwe angaphandle.

UMzantsi Afrika unobudlelwane obuxabisekileyo neMbumba yamaZwe aseYurophu (i-EU) phakathi kokunye, iNkqubo yoTyalo-mali kwiziSeko ezinguNdoqo zoMzantsi Afrika ezixabisa malunga nebhiliyon yeerandi eyi-1,5.

Ukuhlaziya koMthetho woHlumo namaThuba e-Afrika ngaphaya kwegoMsints wama-2015 nesibambathiso sokuthembisa ukuxhasa amaphulo oxolo akhokelwa yi-Afrika kwilizwekazi zezinje zezipumo ezincomekayo ezibalulekileyo zeNgqungquthela yeenkokheli zaseMelika (i-US) nezase-Afrika ebibanjelwe e-US ngowama-2014.

Kwizinga lemibutho yamazwe ngamazwe, unyaka wama-2015 uphawula unyaka wama-70 weBhunga loKhuseleko leZizwe eziManyeneyo (i-UN) namanye amaziko wezizwe ngezizwe.

## UKUNGWCWATYWA NGOKUTSHA KWAMAQHAWE WESIZWE

Amathambo amaqhawe omzabalazo wenkululeko, uMoses Kotane no-JB Marksaza kungcwatywa ngokutsha eMzantsi Afrika kwegoKwindla yowama-2015. Urhulumente waseMzantsi Afrika uvakalise umbulelo ongazenzisiyo kurhulumente nabantu be-Russia ngokugcina amathambo wala maqhawe ngesidima iminyaka emininzi kangaka.



*"Kulo nyaka woMqulu weNkululeko noManyano ekuSebenzeni ngeNjongo yokuGxininisa iNkululeko yezoQoqosho, sizibophelela ngokutsha kumanyano nokusebenza ngokuzinikela, ekuqinisekiseni ukuba eli lizwe lethi lihle liya kuthi ncembe ukuphumelela. "*

**- UMongameli uJacob Zuma, kwiNtetho engoBume beSizwe, 12 kwegoMdumba 2015.**





## IMINXEBA YONCEDO

Urhulumente unamasebe, iinkonzo kune neenkubo ezahlukeneyo ezinokunceda ukuphucula ubomi babantu abatsha.

<b>ISebe leMfundu ePhakamileyo noQeqesho</b>	0800 87 2222
<b>Iziko lokuNceda abafake iziCelo zokuFunda</b>	0860 35 66 35
<b>I-Arhente yoPhuhliso loLutsha yeSizwe</b>	0800 52 52 52
<b>I-Arhente yoPhuhliso IwamaShishini amaNcinci</b>	0860 103 703
<b>Iziko lokuLwa ulwaPhulomthetho</b>	08600 10111
<b>ISebe lezokuHlalisa koLuntu</b>	0800 146 873
<b>Iziko oLwazi ngamaLungelo oMhlaba nokuSuswa ngeNkani</b>	0800 007 095
<b>U-Eskom</b>	086 003 7566
<b>IQonga leSizwe lokuLwa uRhwaphilizo</b>	0800 701 701
<b>INTsholongwane kaGawulayo noGawulayo</b>	0800 012 322

**UMNXEBA  
KAMONGAMELI  
KAXAKEKA:**

**17727**



## ABALAWULI BAMAPHONDO E-GCIS

IPHONDO	UMLAWULI	INOMBOLO YOMNXEBA	I-IMEYILE
eFreystata	Mnu. Tshenolo Mokeyane	051 448 4504	Tshenolo@gcis.gov.za
KwaZulu-Natal	Nlksk. Ndala Mgadi	031 301 6787	Ndala@gcis.gov.za
eGauteng	Mnu. Peter Gumede	011 834 3560	PeterG@gcis.gov.za
eMntla Koloni	Mnu. Marius Nagel	053 832 1378	MariusN@gcis.gov.za
eMpuma Koloni	Mnu. Ndlelantle Pinyana	043 722 4903	Ndlelantle@gcis.gov.za
eLimpopo	Mnu. Thanyani Ravhura	015 291 4689	Thanyani@gcis.gov.za
eMpumalanga	Mnu. Tiisetso Ramotse	013 753 2397	Tiisetso@gcis.gov.za
eMntla Ntshona	Mnu. Mareka Mofokeng	018 381 7071	Mareka@gcis.gov.za
eNtshona Koloni	Mnu. Louis Botha	021 697 0145	LouisB@gcis.gov.za



# *Sisonke siqhubela uMzantsi Afrika phambili*

